Isalathiso: 20200807-7409
Inombolo yefayili: 13/11/2
Imibuzo: L Bredenkamp

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0004/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neemviwo ze-*Adult Education and Training Level 4*

Isihloko: Abafundi beBakala 12 abakhetha ukungabuyeli esikolweni njengoko kubonelelwe kwimiyalelo ekhutshwe ngokommiselo 4(3) we-*Disaster Management Act, 2002 (Act 57 of 2002)* nabakhetha ukungazibhali iimviwo ze*NSC* zango-2020

1. Ngokommiselo 4(3) we-*Disaster Management Act, 2002 (Act 57 of 2002*), opapashwe kwi-*Gazethi kaRhulumente*, No. 43372 ye-29 Meyi 2020, umzali/umnonopheli unokukhetha ukungamthumeli umfundi esikolweni ngethuba likabhubhane. Kwimeko ezinjengezi, umzali/umnonopheli makafake isicelo ngokuqala agqithe esikolweni esiya kwiNtloko yeSebe, eya kuthi, ngokwesiqendu 4 soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), imxolele umfundi kangangethuba elichaziweyo.

2. Ifakelwe izilungiso ikhalenda yesikolo ka-2020 (epapashwe kwi-*Government Gazette* 43578, yomhla we-02 Agasti 2020). Xa kuthathelwa ingqalelo unyaka wokufunda omfutshane, ootitshala nabafundi kuya kufuneka basebenze ngokungatshintshiyo ukugqiba onke amacandelo ekharityhulam ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC)*. Bonke abafundi abasisigxina beemviwo ze*NSC* zeBakala 12, mabaye esikolweni yonke imihla, kangangethuba lokuqhuba konyaka wokufunda ka-2020.

3. NgokweSetyhula 18/2020, yomhla we-05 Julayi 2020, bonke abafundi beBakala 12 mabayigqibe ikharityhulam ngokweNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo *(Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)* ukulungiselela iimviwo ze*NSC* zango-2020.

Ukwenzela ukuchophela iimviwo zokuphela konyaka, **bonke abaviwa mabazifezekise yaye bazigqibe** iimfuno ezimiselweyo ze-*School-based Assessment* ezifakelwe izilungiso, eziquka ii-orali, ii-*Practical Assessment Tasks (PATs),* iimvavanyo nemviwo zokulungela ukuchophela uviwo.

4. Le miqathango ilandelayo iya kusebenza kubafundi beBakala 12 apho abazali/abanonopheli bakhethe ukongamela ukufunda komfundi ekhaya:

   - Umzali/umnonopheli makafake isicelo esibhaliweyo kwiNtloko yeSebe ngokuqala kugqithwe kwinqununu, sokumgcina umfundi ekhaya kangangelo thuba lonyaka wokufunda ka-2020, esichaza izizathu zokuxolelwa komfundi.

   - Ukuba isicelo sivunyiwe yiNtloko yeSebe okanye ngulowo kudluliselwe kuye amagunya, umzali/umnonopheli makazibophelele ngencwadi ebhaliweyo, ukuba unako ukongamela inkqubo yokufunda komfundi ngokweemfuno ezimiselweyo zekharityhulam novavanyo ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2020.

   - Umzali/umnonopheli unoxanduva lokuhlawula zonke iindleko ezimalunga nokufunda novavanyo olwenziwa ekhaya.

   - Umzali/umnonopheli makenze onke amalungiselelo ayimfuneko kunye nesikolo ukuqinisekisa ukuba umntwana ukhona ukwenzela onke amacandelo ovavanyo anyanzelekileyo (*compulsory assessment components*) njengoko kuchaziwe kwiSetyhula 18/2020, yomhla we-05 Julayi 2020.

   - Kwiimeko zezigulo ezikhethekileyo (*exceptional medical cases*), isikolo simele ukwenza amalungiselelo akhethekileyo okumlungiselela umntwana kwigumbi elilodwa ukwenzela ukubhala naziphi na iimvavanyo okanye iimviwo. Kwimeko ezinjengezi, umzali/umnonopheli makahlawule iindleko ezongezelelweyo ezinxulumene nokubhalwa kovavanyo/koviwo, umzekelo ukuqeshwa komgadi wabaviwa, umntu obhalela umfundi, umntu ofundela umfundi, njl.njl.

5. Isikolo masenze ezi zinto zilandelayo zifumaneke kumzali/kumnonopheli:

   - Inkcazo yezifundo eziphunyelelwe ngumfundi (*academic record*) kwiKota yeSikolo 1.

   - Iimfuno ezimiselweyo zokufumana iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)*

   - Iimfuno ezimiselweyo zekharityhulam novavanyo ukwenzela iBakala 12.

- Imihla yemisebenzi yovavanyo olumiselweyo eyahluka-hlukeneyo umz. iimvavanyo zeklasi, ii-orali, ii-*PATs* neemvavanyo zokujonga ulwazi *(summative examinations*). Umfundi makabekho esikolweni ngezi ntsuku ukwenzela ukuthatha inxaxheba kwezi mvavanyo zinyanzelekileyo.

- Isikolo masinike umzali/umnonopheli zonke izibonelelo zokuxhasa ukufunda neencwadi zezifundo nokuqinisekisa ukuba umfundi unikwa inkxaso, ngezi zibonelelo zifumanekayo esikolweni.

6. Iinqununu mazigxininise ukuba abafundi MABABE bayazifezekisa iimfuno ezimiselweyo ze-*SBA* ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2020 phambi kokubhalwa kweemviwo ze*NSC* zango-2020.

7. Ukuba kunokwenzeka umfundi **akhethe ukungaqhubeki neBakala 12 ngo-2020**, akayi kufaneleka ukuba abhale iimviwo ze*NSC* zango-2020 yaye makaxele injongo yakhe yokukhutshwa ezincwadini zeemviwo ezikhankanyiweyo kwifom yokuphendula eqhotyoshelwe apha (**isiHlomelo A**).

8. Umfundi okhutshiweyo ezincwadini zesikolo kuya kufuneka afake isicelo sokwamkelwa kwakhona esikolweni yaye azilandele mbo iimfuno ezimiselweyo zokwamkelwa esikolweni ukuba unqwenela ukubuyela ngo-2021 kwakhona umfundi.

9. Niyacelwa nazise ngale ngcaciso kubazali/kubanonopheli babafundi beBakala 12. **IsiHlomelo A** masizaliswe yaye sisayinwe ngumfundi weBakala 12 nomzali/nomnonopheli yaye masibuyiselwe kwi-ofisi yesithili ungadlulanga umhla we-24 Agasti 2020.

10. Luya kuthakazelelwa kakhulu uncedo lwakho lokuqinisekisa inani labafundi beBakala 12 abaya kuba bebhala iimviwo ze*NSC* zango-2020 esikolweni sakho/kwiziko.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-08-19